Isalathiso: 20210422-2467
Inombolo yefayili: 12/2/13/6
Imibuzo: B le Keur

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeZibonelelo: 0003/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela Balawuli, kwii-ofisi zezithili, kwiiNqununu nakooSihlalo bamaBhunga oLawulo azo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezingekho phantsi kwecandelo 21

**Isihloko: Ithuba lazo zonke izikolo ezingekho phantsi kwecandelo-21 loku-odola ngekhompyutha (*online ordering*) izinto zokubhala kunyaka-mali ka-2021/22**

1. Apha kwaziswa izikolo ngethuba lokuqala ukususela nge-24 Meyi ukuya kwi-04 Juni 2021 loku-odolwa ngekhompyutha, kwezinto zokubhala ukwenzela ukuba zisetyenziswe ngo-2022.

2. Le Ngcaciso iMfutshane mayifundwe kunye neSetyhula 0030/2020, yomhla we-25 Septemba 2020.

3. Apha kwaziswa izikolo ukuba isigqibo seSebe leMfundo leNtshona Koloni (i-WCED) sokuba lisebenzise iikhontraki ezimbini ezahlukeneyo uku-odola izinto zokubhala nezokucoca, ezokusebenza egadini nezombane saphelelwa ngowe-30 Septemba 2020 yaye ngenxa yoko iSebe i-*WCED* ligqibe ekubeni kusetyenziswe ikhontraki entsha yokuthenga izinto zokubhala yeminyaka emithathu neMasiqhame *Trading* 1057 *CC* ukulungiselela ithuba lowe-01 Meyi 2020 ukuya kowe-30 Apreli 2024.

4. Kubalulekile ukuqaphela ukuba ikhontraki yezinto zokubhala i-*BWCED* 2875/20 eyenzelwe ukuthengwa nokuziswa kwezinto zokubhala inikwe umboneleli-nkonzo ochazwe ngasentla yaye kwangokunjalo iSebe i-*WCED* liya kwenza ii-odolo zezinto zokubhala nomboneleli-nkonzo onikwe imvume kuphela egameni lezikolo zikarhulumente ezingekho phantsi kwecandelo 21:

Masiqhame *Trading* 1057 *CC*
*4 Postern Way*
*EDGEMEAD*
*Western Cape*
*7441*

Inombolo yefoni: 021 558 9947
I-imeyili: masiqhametrading@lantic.net
Umntu emekuqhagamshelwane naye: Mnu G Daniels

5. Izikhokelo ziya kufakwa kwi-*CEMIS* ukucacisa ukuba zifakwa yaye zisayinelwe njani na iimfuno zezinto zokubhala kwikhompyutha.

6. Izikolo zinokwenza i-odolo ngekhompyutha kuphela yezinto ezidweliswe kwikhathalogu yezinto zokubhala (eqhotyoshelwe apha). Ikhathalogu isemthethweni unyaka omnye kuphela ukuya kutsho ngowe-30 Apreli 2022.

7. Kucelwa niqaphele ukuba ikhontraki yezinto zokubhala ayizithengisi yaye ayizizisi iikhatriji zokuprinta namaphepha okufotokopa. Ezi ayithem, kwakunye nezinye ii-ayithem ezingadweliswanga kwikhathalogu, ziya kuthengwa ngokwahlukeneyo kusetyenziswa inkqubo elandelwayo yokuthengwa kweempahla neenkonzo ngokweekoteshini ezenziwe kwisistim yekhompyutha i-*Integrated Procurement Solution*. Izikolo mazingenise iirikhwizishini (iifom i-*WCED* 026) malunga nalo mba kwi-ofisi yeLTSM ku-Mnu Bernard Stoffels (kule nombolo yefoni- 021 467 2345 okanye zithunyelwe nge-imeyili apha: Bernard.Stoffels@westerncape.gov.za ), ungadlulanga umhla we-28 Meyi 2021 ukuqinisekisa ukuziswa kwazo kwangexesha.

8. Izikolo kuya kufuneka zisebenzise iimali zezabelo zazo ngokwemimiselo nemigangatho (*norms and standards(N&S)*) ukuthenga izinto ezithengwa kuloo ndawo inesikolo (*local purchases*) ukulungiselela ukuhlawula zonke iimfuno zazo zezinto zokubhala. Kubaluleke gqitha ke ngoko ukuba izikolo zicwangcise ngobulumko ekwenzeni isigqibo ngeendlela eziya kuzisebenzisa ngazo iimali zezabelo ze-*N&S* zazo ukuqinisekisa ukufumaneka kweemali ezaneleyo zokujongana neemfuno zazo. Ukuncedisa izikolo ngokumalunga noku, imihla yokuziswa kwezinto zokubhala, ii-odolo nexabiso lazo ziya kuqinisekiswa zakuba ii-odolo zikhutshiwe.

9. Ziyakhuthazwa izikolo ukuba zilisebenzise eli thuba ngokuthi zenze i-odolo yazo zonke iimfuno zezinto zokubhala ukulungiselela u-2022.

10. Kucelwa nazise okukule ngcaciso imfutshane onke amagosa achaphazelekayo ukuze akuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE**: NGU-MS ABRAHAMS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO**
**UMHLA:** 2021-05-06